Isalathiso: 20190819-8052
Inombolo yefayili: 13/9/2
Imibuzo: Z Isaacs

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0008/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi beZifundo, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi, kuBaququzeleli beeMvavanyo neeMviwo, nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: IiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) zango-2019: Ukuzaliswa kweemakhishithi ze-*School-Based Assessment (SBA)*, eze-*Practical Assessment Tasks* (*PATs*) neze-*Language Oral*

1. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye noMgaqo-nkqubo *National Policy pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate Examination,* opapashwe kwiZaziso zikaRhulumente 372 no-373 kwiGazethi kaRhulumente, Vol. 587, No. 37652 yomhla we-16 Meyi 2014, ne-*Curriculum Assessment Policy Statements* (CAPS) ne-*Regulations pertaining to the Programme and Promotion Requirements of the National Curriculum Statement*.

2. **Iimakhishithi ze*School-Based Assessment (SBA)*, eze*Practical Assessment Tasks (PATs)* neze-*Language Oral***

2.1 Iimakhishithi ezivelisiweyo zeemvavanyo ze-*SBA*, eze*PATs* neze-*Language Oral* ziya kusiwa ezikolweni ungadlulanga owe-**06 Septemba 2019.**

2.2 Zisakuba zifunyenwe iimakhishithi, iinqununu maziqinisekise ukuba zifunyenwe zonke iimakhishithi zezifundo ezifunekayo kwizikolo zazo, ekubhalwe kuzo abaviwa ngesifundo ngasinye.

2.3 Ezi makhishithi zezifundo zilandelayo aziyi kuthunyelwa ezikolweni kodwa ziya kusiwa ngqo kuBacwangcisi bezeKharityhulam aBakhulu kwaNdlunkulu:

Izifundo zobugcisa	**Izifundo zeprakhtikhali**
Electrical Technology: *Digital Systems* *Electronics* *Power Systems* *Mechanical Technology:* *Automotive* *Fitting and Machining* *Welding and Metal Work* *Civil Technology* *Civil Services* *Construction* *Woodworking*	*Dance studies* *Design* *Dramatic Arts* *Visual Arts* *Music* *Trinity Music* *Unisa Music*

2.4 Kucelwa uqaphele ukuba uya kunikwa ikopi enye kuphela yemakhishithi nganye emayizaliswe. Kubalulekile kakhulu ke ngoko ukuba iikopi zeemakhishithi zenziwe zizikolo nangabacebisi bezifundo emva kokumodareyithwa kwazo yaye mazigcinwe esikolweni nakwisithili ukulungiselela iinjongo zeerekhodi.

2.5 Maziqinisekise izikolo ukuba iimakhishithi ziyazaliswa yaye zenziwe zifumaneke kubacebisi bezifundo ngosuku lokumodareyithwa kwazo. Ootitshala bezifundo mabazalise kuphela amanqaku angekamodareyithwa kwikholam ebhalwe "*Mark*".

2.6 Kuphela kusemva kokumodareyithwa kokugqibela kwesifundo ngasinye, apho kuya kukhutshelwa amanqaku amodareyithiweyo ngokuchanekileyo kwikholam ebhalwe "*Mod*" kwimakhishithi ye*SBA* ngabacebisi bezifundo.

2.7 Ukuba isikolo sifumana kuphela iimakhishithi ezivelisiweyo emva kokuba igqityiwe inkqubo yokumodareyithwa kwazo, makwenziwe amalungiselelo afunekayo nabacebisi bezifundo ukulungiselela ukuzaliswa nokusayinelwa kweemakhishithi.

3. **Ukwabiwa kwamanqaku e*SBA*, e*PAT* nawe*Language Oral***

3.1 **Kufuneka** kwabelwe amanqaku umviwa ngamnye onombolo yoviwo yakhe ivelayo kwimakhishithi.

3.2 Oku makwenziwe nakubaviwa:

- ababegxothiwe okanye ababenqunyanyiswe okwethutyana esikolweni.
- abenze izicelo zokutshintsha iziko lokubhalela uviwo;
- abebengekho esikolweni ithuba elide apha enyakeni;
- abebengekho ngosuku lokumodareyitha;
- ababhalisele isifundo kwesinye isikolo okanye kwelinye iziko, umz iziko lobugcisa, okanye
- ababhaliswe njengabaviwa abaphindayo/aabaviwa abangesosigxina.

4. **Amanqaku angafakwanga e*SBA*, e*PAT* nawe-*Language Oral* (abaviwa abebengekho nabo bangenawo amanqaku e*SBA*, awe-*PAT* nawe*Language Oral*)**

4.1 Ukuba umfundi akayenzanga **ikhomponenti okanye iikhomponethi** ze*SBA*, ze*PAT* okanye eze-*Language Oral* apha enyakeni, yaye kunikwe **izizathu ezibambekayo**, umfundi makanikwe elinye ithuba lokuvavanywa kwimisebenzi ayinikiweyo okanye umfundi makangenise umsebenzi ongafakwanga phambi kokuqala kweemviwo zokuphela konyaka zokugqibela **(ungadlulanga owe-23 Oktobha 2019)**. Apho kungenakwenzeka oku, **makangathathelwa** ngqalelo amanqaku alo khomponenti okanye ezoo khomponenti ze*SBA*, eze*PAT* kunye/okanye neze-*Language Oral yaye* awona manqaku maninzi, kule meko, makabalwe kwakhona kususelwa kwinani eliseleyo lemisebenzi (makujongwe **kwiTheyibhile 1**).

ITheyibhili 1: **Isizathu esibambekayo** (likhomponenti ze*SBA*, ze*PAT* neze-*Language Oral* yesifundo namanqaku omfundi):

	Ikhomponenti 1	**Ikhomponenti 2**	**Ikhomponenti 3**	**Ikhomponenti 4**	**Ikhomponenti 5**	**Ikhomponenti 6**	**Ikhomponenti 7**
Amanqaku Amaninzi	**5**	**5**	**30**	**20**	**40**	**40**	**40**
Umfundi	4	Ayenziwanga (Kunikwe isizathu esibambekayo)	16	Ayenziwanga (Kunikwe isizathu esibambekayo)	20	15	12

Amanqaku eSBA = (4+16+20+15+12)/(5+30+40+40+40)
= 67/155
= 43%

4.1.1 **"Isizathu esibambekayo"** kule meko, sibandakanya oku kulandelayo:

(a) ukugula, okuxhaswa sisatifikethi sokugula esisemthethweni, esikhutshwe ligosa lezonyango elibhalisiweyo (*registered medical practitioner*);
(b) izizathu eziphenjelelwa luvelwano lobuntu ezibandakanya ukusweleka kwelungu losapho elisondeleyo kumviwa okuxhaswa sisatifikethi sokusweleka.
(c) umfundi oya kuvela enkundleni yamatyala, yaye oko makuxhaswe bubungqina obubhaliweyo; okanye
(d) nasiphi na esinye isizathu esinokwamkelwa njengesizathu esisemthethweni yintloko yovavanyo okanye ngummeli wayo.

4.1.2 Ubungqina bezo zizathu zibambekayo mabubandakanywe kubungqina bendlela umfundi aqhuba ngayo ngethuba leeseshoni zokumodareyitha.

4.2 Ukuba umfundi akaphumeleli ukwenza **ikhomponenti** okanye **iikhomponenti** ze*SBA*, eze*PAT* neze-*Language Oral*, kungekho **sizathu sibambekayo,** umfundi makawungenise umsebenzi ongenziwanga phambi kokuqala koviwo lokuphela konyaka **(engadlulanga uLwesithathu** we-**23 Oktobha 2019**). Ukuba oku akunakwenzeka, umfundi makanikwe amanqaku anguziro "0" kulo khomponenti okanye kwezo khomponenti ze*SBA*, eze*PAT* neze-*Language Oral*. Ngokwale meko, amanqaku angawona maninzi mawabalwe njengoko kubonisiwe apha ngezantsi (makufundwe i**Theyibhile 2**).

ITheyibhili 2: **Akukho sizathu sibambekayo** (iikhomponenti ze*SBA*, eze*PATs* neze-*Language Oral* yesifundo namanqaku omfundi):

	Ikhomponenti 1	**Ikhomponenti 2**	**Ikhomponenti 3**	**Ikhomponenti 4**	**Ikhomponenti 5**	**Ikhomponenti 6**	**Ikhomponenti 7**
Amanqaku Amaninzi	**5**	**5**	**30**	**20**	**40**	**40**	**40**
Umfundi	4	Ayenziwanga (akukho sizathu sibambekayo sinikiweyo)	16	Ayenziwanga (akukho sizathu sibambekayo sinikiweyo)	20	15	12

Amanqaku e*SBA* = 4+0+16+0+20+15+12)/(5+5+30+20+40+40+40)
= 67/180
= 37%

4.3 Makugxininiswe kwezi meko-bume *(scenarios*) zilandelayo ngokumalunga nokuzaliswa kweemakhishithi:

4.3.1 Apho umviwa engakhe agqibe **nayiphi na imisebenzi**,kodwa kube kunikwe **isizathu esibambekayo**, faka u-"999" kwimakhishithi. Ubungqina besizathu (bezizathu) esibambekayo mabunikwe abacebisi bezifundo ngethuba leseshoni yokumodareyitha yaye mabugqithiselwe kwiCandelolo Lawulo leeMviwo

Okuthethwa ngu-"999":

- Umviwa uya kufumana **iziphumo ezingaphelelanga** nkqu nokuba abhaliwe amanye amaphepha oviwo.
- Umviwa uya kunikwa **iinyanga ezintathu emva kokukhutshwa kweziphumo** zokuba angenise amanqaku e-*SBA* kunye/okanye awe-*PAT/Language Oral*. Ezi ziphumo mazingeniswe ngabacebisi bezifundo kwiCandelo loLawulo lweeMviwo ungadlulanga owe-**08 Matshi 2020**. Ukungaphumeleli ukungenisa amanqaku angafakwanga e-*SBA, ePAT* kunye/okanye nawe-*Language Oral* lingadlulanga ixesha elisikiweyo , kuya kuba nesiphumo sokuba umviwa asiphinde isifundo siphela.

4.3.2 Apho umviwa engakhange agqibe nayiphi na imisebenzi, kodwa kube kunganikwanga sizathu sibambekayo, faka u-"444" kwimakhishithi. Umviwa ololu hlobo uya kufumana iziphumo ezingaphelelanga yaye makasiphinde isifundo siphela.

4.3.3 **Zonke izilungiso kwizifundo ziya kuthathwa njengezitenxo**. Makufakwe u-"888" kwikholam yamanqaku uze ungenise ingxelo ebhaliweyo enezizathu ezivokothekileyo nobungqina (Iripoti yesikolo yeKota 1 yeBakala 11 okanye eyeBakala 12) kunye nefom **yesiHlomelo A** ezaliswe ngokupheleleyo. Isigqibo malunga neziphumo zomviwa ziya kuthathwa yiNtloko yezeMfundo. **Aluyi kuvunyelwa utshintsho kwizifundo.**

5. **Abaviwa abanezithintelo zokuthetha kunye/okanye zokuva**

Abaviwa abanezithintelo zokuthetha kunye/okanye zokuva, kufuneka endaweni yamanqaku e-*orali*, bafumane amanqaku ngokomlinganiselo osuselwa kumanqaku abawafumane kumsebenzi obhalwayo kwiimviwo zangoJuni nangoSeptemba 2019.

6. **Umsebenzi oluxanduva lweenqununu malunga nokuzaliswa kweemakhishithi**

Iinqununu maziqinisekise ukuba bonke abaviwa be*NSC* kwizikolo zabo bawanikiwe amanqaku afunekayo e-*SBA, ePAT* nawe-*Language Oral.* Iinqununu maziyisayine imakhishithi emva kokuba izalisiwe ngutitshala ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemiqathango ekule ngcaciso imfutshane.

7. **Umsebenzi oluxanduva lwabacebisi bezifundo malunga nokumodareyithwa kweemakhishithi.**

Abacebisi bezifundo bathwele uxanduva ngokuphelelyo lwenkqubo yokumodareyithwa kweekhomponenti *zeSBA, ezePAT* neze-*Language Oral* kwakunye nokuqinisekisa ukuthotyelwa kwemiqathango malunga nokumodareyithwa, ukuzaliswa kweemakhishithi namanqaku angafakwanga.

Iimakhishithi okanye iifom zesiHlomelo A **aziyi** kwamkeleka kwiCandelo loLawulo lweeMviwo ngaphandle kokuba zisayinwe ngutitshala, yinqununu nangumcebisi wezifundo.

8. **Umhla wokubuyiswa kweemakhishithi:**

Abaququzeleli bovavanyo neemviwo mabaqinisekise ukuba iimakhishithi ezalisiweyo zifika kwiCandelo loLawulo lweeMviwo ungadlulanga owe-**31 Oktobha 2019.**

9. **Amanqaku angafakwanga e-*SBA*, *PAT* nawe-*Language Oral***

Ziyacelwa iinqununu ukuba **zingabathumeli abaviwa abanamanqaku angafakwanga** *eSBA, awePAT* nawe-*Language Oral* ngqo kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) emva kokukhutshwa kweziphumo. Inkqubo echanekileyo yokuqhagamshelana neSebe i*WCED* malunga namanqaku angafakwanga e-*SBA,* awe*PAT* nawe-*Language Oral,* kukuqala kugqithwe kwi-ofisi yesithili echaphazelekayo.

10. Ziyacelwa iinqununu ukuba zibanike ikopi yale ngcaciso imfutshane bonke abaququzeleli nootitshala beBakala 12 .

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2019-08-28

Western Cape Government
Education

Directorate: Examinations Administration

ANNEXURE A

Candidates listed on this form will be treated as IRREGULARITIES – NSC 2019
Kandidate wat op hierdie vorm gelys is sal as ONREËLMATIGHEDE hanteer word – NSS 2019

SUBJECT CORRECTIONS (attach a copy of the Grade 11 or Grade 12 Term 1 school report as evidence for each candidate)
VAKREGSTELLINGS (heg as bewys 'n afskrif van elke kandidaat se graad 11- of graad 12- kwartaal 1-skoolrapport aan)

SCHOOL/SKOOL: _____ **CENTRE NO/SENTRUM NR.:** _____

CANDIDATE NUMBER/ KANDIDAAT SE NOMMER	SURNAME, FIRST NAME(S) VAN, VOORNAAM/ VOORNAME	DATE OF BIRTH GEBOORTEDATUM	INCORRECT SUBJECT/ VERKEERDE VAK	CORRECT SUBJECT / KORREKTE VAK	PAPER / VRAESTEL	MAX MARK MAKS. PUNT			MODERATED MARK / GEMODEREERDE PUNT		

	TEACHER/ONDERWYSER	PRINCIPAL/PRINSIPAAL	MODERATOR
NAME (PRINT) / NAAM (DRUKSKRIF)			
SIGNATURE / HANDTEKENING			
DATE SIGNED / DATUM VAN ONDERTEKENING			